


PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



Lungiselela **ISIVUNO ESIPHEZULU**

INGINGQI EZILIME IZITYALO EMZANTSİ AFRIKA ZIBUKEKA ZIGQIBELELE FUTHI UNYAKA KA-2020 UBUKEKA UZA KUFUMANA ESONA SIVUNO SAKHE SABALASELA. NGUMANGALISO UKUPHAWULA UKUBA IXESHA LOKUVUNA LIXESHA ELILODWA XA ABALIMI EKUGQIBELENI BEKWAZI UKUVUNA UMVUZO WOKUSEBENZA KWABO NZIMA. OKU KUBA NJALO NGAKUMBI XA BEKUKHO AMAXESHA OKULIMA EKUDLULWE KUWO ABE NEMINGENI.

Kubalimi abathile konke kuya kuxhomekeka kwimeko kanti ukufumana isivuno esihle kuya kubabonisa ukuba ingaba bangaqhuba na ngomse-

*UGavin Mathews, Ingcali
kuLawulo lokusingqongileyo.
Thumela i-imeyili apha
gavmat@gmail.com*



benzi wokufama okanye akunjalo. Nokuba injani imeko yakho, qiniseka ukuba uqhuba okufanelekileyo ukuze ube nesivuno esibalaseleyo kangangoko unakho. Zininzi izinto onolawulo phezu kwazo kweli banga



AMAZWI AVELA... kuLuke Collier

XESHA LOKULIMA LANGO-2019/2020 LIBE LELONA LINZIMA, NAKO OKUNGENANI OKUNOKUKHANKANYWA NGALO. KWIINDAWO EZITHILE ABALIMI BAFUMENE ISIXA ESIFANELEKILEYO SEMVULA YILOO NTO IZITYALO ZABO ZINGUMMANGALISO! KWEZINYE IINDAWO KUBEKHO IZIKHUKULA KANTI ABANYE BASABAMBEKE KWIMBALELA. UNZIMA UMSEBENZI WOKUFAMA!

Ngenxa yayo yonke imingeni ekhoyo enxulumene nemozulu kune noqoqoshosifanele ukusoloko siziphucula izivuno zethu siphucule nemigaqo yethu yokusebenza ukuze iintloko zethu zisoloko zingaphezu kwamanzi, sivuyise nomlawuli webhanki! Nangona kunjalo, umsebenzi wokufama ubonakala usebenza ngemijikelo, kwiminyaka elungileyo na-kwiminyaka emibi. Imeko ixhomekeke kuthi balimi ukuba sihlale sisenza okufanelekileyo kangangoko sinako na ukuze sikhazi ukunciphisa amtsion' evela alo mijikelo kangangoko kunokwenzeka.

Kweli xesha lonyaka, ndithanda ukujonga emva kwixesha lokulima elisandul' ukudlula, ukuzama ukufumanisa apha bendifanele ukwenza phucukileyo khona. Nokuba mhlawumbi ngumhlabla ongantshulisanga izityalo kakubi, okanye kukungalungiswa komhlabla kakuhle ndiyazibuza ukuba yintoni ebendifanele ukuyenza phucukileyo. Kufuneka singenwe ngumkhwa wokusoloko sizama ukuphucula izivuno zethu nemigaqo yethu yokusebenza ngonyaka ngamnye, baninzi abalimi endibabone besonwatyiswa zizivuno ezingaphucukanga nokuba zizityalo baze ekugqibeleni bashiyeke emva. Emsebenzini wokufama ngoku imida iceketheke kangangokuba asinakukwazi ukwamkela isityalo esikumyinge; sifanele ukwenza konke okusemandleni ethu ukukhupa eyona mveliso ibalase-le kangangoko sinakho.

Eli xesha lokujonga emva alithethi ukuba hlala esofeni uphunga iti ubuka igadi yakho entle! Lithetha ukuba chitha ixesha emasimini akho, ukhangela apha ubufanele ukutshiza okanye ukutsala ukugwantya kwamanzi phucukileyo entsimini yakho. Ngeli xesha lokujonga emva, ufanele ukuphuma uye phandle uqwälasele izityalo zakho ukuze ubone iinkalo ezinokuphuculwa. Imozulu yona asiyonto esinokukwazi ukuyilawula, nangona kunjalo ukwenza imilinganiselo ngokuchanekileyo kwisixhobo sokutshala okanye ukwenza uwangciselovwenqubo ephucukileyo yokutshiza, yinto elawulwa sithi leyo. Xa sinokuphucula ezo nkalo kunyaka emva komnye singaziphucula izityalo zethu ziye ngokuphucuka kuphela.

Sikunqwenelala amathamsanqa siya kubonana emasimini! ■

Lungiselela isivuno esiphezelu...

Ixesha lokulima ukuqinisekisa ukuba uthumela iinkozo ezininzi kanganoko kwizisele zolondolozo.

Inkoliso yezixhobo zakho zokuvuna ziphumle ithuba elide ukususela kwixesha lokulima ngo-2019 kwaye kungenzaka ukuba bezingenzi nto ngalo lonke elo thuba. Njengoko izityalo zakho ziqla ukuvuthwa futhi zisoma emasimini ufanele ukubakhuphela phandle oomatshini bakho ukuze uqalise inkubo yokusebenza zonke iinxenyen zomatshini bakho.

UMATSHINI WOKUVUNA NOKUBHULA

Phambi kokuvusebenzisa umatshini wokuvuna nokubhula ufanele uku-qwalasela ioyle namanzi ukuze uzalise xa kukho imfuneko. Qwalasela injini phambi kokuqalisila ngokujongisia iintsebenzo-matshini zikamatshini wokuvuna nokubhula. Umatshini wokuvuna nokubhula wensiwe ngeenxenyen ezininzi ezishukumayo nezingcangcazelayo ezisuka zonakale, ngoko ke qiniseka ukuba konke kusebenza ngemfezeko.

Faka igrisi kuyo yonke indawo neoyile ematsheyinini ngokuqaphela. Qiniseka ukuba umatshini wakho ufakwe izihluzi ezichanekileyo nokuthi zikwimeko yokusebenza efanelekileyo futhi azinamingxuma. Qwalasela umgqomo weeneko kunge nesixhobo sokubhola uqiniseke ukuba azinamingxuma ngokunjalo akukho zindawo zivuzayo naphi na. Umgqaliselo





wakho wokuqala kweli xesha lokulima kukunciphisa imosharha kanganoko kunokwenziwa. linkozo sizifuna kwisisele solondolozo asizifuni emhlabeni entsimini.

IINTLOKO

Kaninzi umatshini oyintloko uba yinto yokugqibela eqwalaselwayo. Kungaluncedo ukuyiqwalasela ngaxeshanye nesixhobo sokuvuna nokubhula. Gwegwa umatshini oyintloko oya kuqala usetyenziswe, uze uqwalasele zonke iindawo ezishukumayo ngokuqaphela. Faka igrisi ngocoselelo neoyile ematsheyinini. Ukuba kukho into edinga ukukhutshwa ukuze kufakwe enye endaweni yayo kwenze ngoku oko ukuze uthintele ukwaphuka kwezihobo ngexesha lokuvuna.

I-DE-BULKER

I-de-bulker okanye 'i-tapkar' yinxenyen ebaluleke kakhulu yeqela lokuvuna njengoko isalatha isanty enisebenza ngaso ukuggiba umsebenzi. Injongo yayo kukugcina isixhobo sokuvuna nokubhula sishukuma ngawo onke amaxesha. Qiniseka ukuba amathayara neebheringi zamavili zikwimeko elunglelo yokusebenza njengoko zithwala umthwalo onzima ezingxondorheni. Kwakhona, qiniseka ukuba uyawuqwalasela umgqomo, wuhlole ujunge ukuba awunamingxuma erusayo apho ziya kuvuza khona iinkozo. Isixhobo sokubhola yenze inxalenyen ebalulekileyo kulo matshini nedinga ukusebenza kakuhle. Qwalasela umba ngamnye ngokuqaphela ukuze uqiniseke ukuba akukho zinto zikubambezelayo zingeyomfuneko.

IZIGADLA NEENQWELO EZITSALWAYO

Hlola iibheringi zamavili kanye namathayara ngokuqaphela. Jonga iimaleko zomgqomo ngokunjalo neengcango kanye neejoyinti, uqinisekise ukuba konke kutywineke kakuhle.

IITREKTARA

litrektara azifane zaphuke futhi zisoloko zisendleleni. Kodwa kubalulekile ukuba phambi kokuqlisa umsebenzi onzima ofana nokutsala iinqwelvo ezilayishayo nokuqhutywa kwimigama emide mhlawumbi ukuya kwiimbumba zomanyano, kuwabalulekile ukuba nazo ziqwaliaselwe ngocoselelo ngokujinisekisa ukuba konke kuzo kusebenza kakuhle. Qiniseka ngokuzinika inkonzo yokuzilungisa phambi kokuqlisa kokuvuna.ukuba iyafuneka.

ULONDOLOZO

Lo ngomnye wemibandela ebaluleke kakhulu kucwangcisel Iwakho lokuvuna. Uza kuzigcina njani iinkozo zakho? Uza kuba nendawo yokuzigcina efama, okanye uza kuzithuthela kwisisele seenkozo ngeenqwelo ezitsalwayo? Qwalasela izicwangcisel zokwenza umsebenzi wakho ngokuqaphela uze uzame ukubona iindawo ezinokuminxa nezinokubambezela. Ukuba uza kuba nendawo yolondolozo efama, uza kuzigcina njani iinkozo? Uza kusebeniza idama lolondolozo, okanye uza kusebeniza isixwemba sekhonkrithi? Zininzi izinto ezinokwenziwa kodwa qiniseka ukuba ukhetha umgaqo onokhuselo kuzo zonke iinkathazo nasebuseleni. Kufuneka ube ngumgaqo oncomeka kangangoko futhi imosharha ibe yeypone ingephi.

ISIPHELO

Esi sivuno sinesakhono sokuba sikhulu ngenene. Kodwa khumbula ukuba ngokuya siba sikhulu isivuno kuba njalo nokuba nzima koxanduva oluphezu koomatshini nezixhobo zakho. Ziya kwanda iitonu ezifanele ukuya kwisisele zolondolozo. Ngoko ke, lungiselela isivuno esikhulu sesityalo futhi uze uqiniseke ukuba konke onako kulungele ukusebenza. Nciphisia imosharha ukuze kwande iinzudo kangangoko. ■



*Character cannot be developed in ease and quiet.
Only through experience of trial and suffering
can the soul be strengthened, ambition inspired,
and success achieved.*

~ HELEN KELLER



Yandisa IINZUZO

unciphise iindleko ezisisigxina

KWIPULA IMVULA KADISEMBA 2019 SIXOXE SAZE SAGXININISA INTLOBO EZAHLUKA-HLUKILEYO ZEENDLEKO EZIZEZI; IINDLEKO EZISISIGXINA, EZOKUQHUBA UMSEBENZI NEZAMALUNGISELELO OKULIMA. SIPHINDE SABONISA IMIQATHANGO EMBALWA YOKULAWULA EZI NDLEKO, KODWA UGXININISO UBUKHULU BECALA BELUKWIINDLEKO ZAMALUNGISELELO OKANYE ZOKULIMA.

Kweli nqaku siza kuqwalasela ngakumbi iindleko ezisisigxina futhi siza kuxoxa banzi ngokwehla kwexabiso lemali, lona liluhlobo oluthile lweendleko ezisisigxina.

lingqondo zabalimi zihlala zicinga ngokulima kwaye asinakubagxeka kuloo nto, kodwa izipumo kukilibalha ngeendleko ezisisigxina nokuzilawula ngakumbi ngamaxeshha obunzima. Ukuvuselela iinkumbulo zethu. lindleko ezisisigxina zezo zifumaneka ngokuqhuba ishishini kwaye zifanele ukuhlawulwa nangamaxeshha obunzima xa kungekho nto ivelisiweyo. lindleko ezisisigxina zisisigxina, kanti futhi kunzima kakhulu ukwabela iindleko ezisisigxina ngenene kwishishini lokufama elithile. Imizekelo ifana nale, iintlawulo zokubuya imalmboleko, i-inshorensi yezakhiwo nezithuthi kunya noomatshini, iintlawulo zobalo-mali, iintlawulo zebhanki, iindleko zoqeqesho, ukwehla kwexabiso lemali. Nkqu nomvuzo wakho (iindleko zokuphila) nawo unokubonwa njengendleko ezisisigxina – ufanele uphile nokuba akukho mveliso.

Ngokubanzi, iindleko ezisisigxina ziphezulu malunga nokulinywa kweziyalo kunezokufama ngemfuyo. Oku kubangelwa lixabiso eliphezulu lazo zonke izithuthi, oomatshini kunya nezixhobo ezidingeke ekulinyweni kwezityalo. Umzekelo, iindleko ezisisigxina zetrekta enexabiso lesigidi esi-1 seerandi zisenokulingana nama-R8 000 ngenyanga. lindleko ezisisigxina ezibanda-kanyekayo zezokwehla kwexabiso lemali, i-inshorensi, iintlawulo zeelayisensi kunya neendleko zolondolozo (iindleko zeshedi) neztrektara.

Ngokwale formula **INNUZO = INGENISO - IINKCITHO** (okanye iindleko), ngokuqinisekileyo ukunciphisa iindleko yiyo kuphela iindela enokuchaphazela iinzuzo ngendlela enika ithembra. Ngoko ke, iindleko zifanele ukulawulwa. Xa sijonge olu ngqinelaniso, sisuka sibone ukuba yinto efanelekileyo ukunika ingqalelo kwiindleko zokulima kodwa sizilabile iindleko ezisisigxina. Nangona kunjalo, xa umlimi ezbona ephefumla ngenxeba kakhulu malunga nemeko yemali yakhe kumaxa amaninzi sukuba eminxwe ziindleko eziphezulu ezisisigxina ngakumbi ukubuyisa imali-mboleko. Khumbula, iindleko ezisisigxina mazihlawulwe nokuba imvula ayinang kwaye akukho sityalo.

Ngoko ke, ezi ndleko zifanele ukusoloko zilawulwa, ngokuphathelele kwinjongo yokusoloko zigcinwe ziphantsi kangangoko kunokwenzeka ezi ndleko. Kungenziw njanji oku?

Kwakhona khumbula ukuba yonke impahla yexabiso iyebla ngokwexabiso ekuhambeni kwexesha. Zinethuba lokusebenziseka eliqingqiweyo yiloo nto zifanele ukutshintshwa kufakve ezinye endaweni yazo ekugqibeleni. Itrekta, ngethuba esasebenza ngalo, ineendleko zokusebenza ukuze iqhuba ngokusebenza. Nangona kunjalo, kukho umbuzo othi; ‘kwenzeka ntoni xa itrekta ifanele ukususwa ukuze kusetyenziswe enye endaweni yayo?’ Uya kuba nayo na imali okanye kuya kufuneka ukuba uboleke imali ekhatshwa ngumngcipheko weendleko ezonezelelwego?

Iindleko zokwetha komgangatho wempahlha yexabiso ethubeni zaziwa ngokuba ukwehla kwamaxabiso. Ingcingane exhasa umba wokwehla kwamaxabiso kukuba ufanele ukucgina ukwehla kwamaxabiso onyaka ngoonyaka ngamnye ukuze ukwazi ukufaka impahla yexabiso endaweni yenye

Marius Greyling, UmbhalikwiPula Imvula. Thumela i-imeyiliapha mariusg@mcgacc.co.za



INDLELA YOKUGCINA IINDLEKO ZIPHANTSİ

Imbalwa imizekelo yemibuzo enokuqwalaselwa.

- Ingaba uwunyusela phezulu kakhulu umgangatho wobomi bakho ngokubhekiselele kwinzuzo yefama yakho?
- Ingaba ukhe wacinga ngokuhlenga-hlengisa iindela ophila ngayo okanye ukhuphisana nabamelwane bakho?
- Ingaba unalo ulawulo olungqongqo phezu kweendleko zakho zokuphila ngokolwabiwo hlahlo-mali okanye uthenga ungenzanga zicwangciso?
- Phambi kokuthatha imali-mboleko entsha, uwucinga kakuhle umqukuqelo wekheshi yakho kunya nesidingo mhlawumbi senye itrekta okanye entsha? Khumbula, ngokuya zisanda izithuthi noomatshini, ziya ngokuba phezulu iintlawulo zeelaysensi kunye/okanye i-inshorensi kunya nokwehla kwexabiso lemali ngokunjalo neendleko zolondolozo.
- Ingaba uyalilawula inani leemali-mboleko olithathayo?
- Ingaba uyathetha-thethana ukuze ufumane iqondo eliphantsi lenzala ofanele ukuyihlawula kwimali-mboleko?
- Ingaba uzihlawula ngexesha iintlawulo zakho?
- Ingaba ukhe wacinga ngokuhlawa imali-mboleko yakho kwixesha elifutshane?
- Ukhe ucinge ngokusebeniza ikhontraktha endaweni yokuthenga esakho isixhobo sokuvuna?

Xa kukho imfuneko. Ngelishwa xa sisenza siyazi ukuba bambalwa oosamashishini esibaziyo abakwenzayo oku kanti xa impahla yexabiso ifanele ukusuwa ukuze kufakwe enye isuka ingalingani imali yokukwenza oko kufuneke ukuba umntu makaboleke. Emsebenzini wokufama kuyaqondeka maxa wambu ukuba imali ayilondolozwa. Umntu angayilondoloza njani imali, umzekelo ngethuba lembalela kuba ufanele ukuthenga isondlo semfuyo yakho?

Emthethweni, ngokwemigaqo yobalo-mali, ukwehla kwamaxabiso kubonakala njengeendleko nezinokuthathyathwa kwinzuzo yakho yeshishini. Lo mgaqo usetyenziswa ngokubanzi ziingcali zobalo-mali ukuze kuncitshi-swe iinzuzo ngokunjalo neerhafu ezifanele ukuhlawulwa kurhulumente. Kumiselwe iindela ezahluka-hluyleyo zokufumanisa ukwehla kwamaxabiso ngokomgaqomthetho wokuba asiyiyo yonke impahla yexabiso eyetha umgangatho wayo ngesantya esifanayo. Itrekta esetyenziszwa yonke imihla iya kuba nethuba elifutshane lobomi kunaleyo isetyenzisewa ukuhlakula kuphela kwixesha elithile lokulima.

Ngoko ke, kubalulekile ngokunjalo ukukhumbula ukulawula iindleko ezisisigxina neendleko zokwenza imveliso zeshishini lakho ukuze wandise iinzuzo. ■

UMBONA

– esinjalo ukuguqu-guquleka isityalo!

UMBONA KOKONA KUTYA KUSETYENZISWA KAKHULU EMZANTSİ AFRIKA NAKWIINDAWO EZININZI EHLABATHINI. UMBONA UQULETHE MALUNGA NE-SITATSHI ESINGAMA-72%, I 10% YEPROTHEYINI, NE 4% YAMAFUTHA, UNIKELA NGESIXA ESIKHULU SAMANDLA ABANTU NAWEZILWANYANA. UMBONA UNGASE-TYENZISWA KWIINTLOBO ZOSHISHINO EZAHLUKA-HLUKILEYO UKUZE KWENZIWE UKUTYA NEEMVELISO ZOSHISHINO KUQUKA ISITATSHI, IIMVELISO ZOKWENZA UBUSWITI, IOYILE, IZISE-LO, IGLU KUNYE NOTYWALA BOSHISHINO.

Eli nqaku liggaliselwe kwiimveliso zombona zeli lizwe ngokunjalo neemveliso ezithile eziqhelekileyo ezenziwe ngombona nezisetyenziswa kwezinye iintlobo zoshishino.

UKWENZIWA KWEEMVELISO ZOMBONA KWELI LIZWE

Isazobe 1 salatha iintlobo ezahluka-hlukileyo zomgubo wombona ovela emboneni omhlophe nakotyhelı eMzantsi Afrika. Inkoliso yombona kwiminyaka emihlanu edlulileyo ibisetyenzisela ukwenza umgubo wombona wodidi.

Isazobe 2 salatha ukwenziwa kwezinye iimveliso zombona kwindawo yentengiso eMzantsi Afrika, siquka umbona onqunqiwego, imilirayisi, umbona ophekiwego nomngqusho, ubukhulu becalo kwenziwa ngombona omhlophe. Kwiminyaka emihlanu edlulileyo, uMzantsi Afrika uvelise umbona omnini kakhulu onqunqiwego noya kushishino lvesondlo sezilwanyana.

INTENGISO YELI EMAZWENI ANGAPHANDLE

Isazobe 3 sibonisa umgubo wombona othengiswa ngaphandle kwiminyaka emihlanu edlulileyo, onkoliso yawo uthengiswa kwiindawo zokuthengisa zaseAfrika. Isixa somgubo esithengwa nguMzantsi Afrika ngaphandle sincinane kakhulu.

IIMVELISO EZENZIWA NGOMBONA

Isondlo sezilwanyana

- Umgubo wombona onesincangathi (igluten):** Le yimveliso eyenziwa ngesitatshi sombona ngenqubo yokusila okufumileyo. Umgubo wombona one-gluten usisondlo esichume ngeprotheyini, esisetyenziswa njengomthombo weprotheyini, amandla kunye neziniki-mibala ukuze kondlii iintlobo ezithile zemfuyo kuquka nentlanzi.
- Untlaka-ntlakiso lombona:** Ighezu leselulosi lokhoso lombona luchumile ngesitatshi, esicoleka lula emzimbeni. Imveliso eyenziwayo sisitatshi sombona. Sisetyenziswa nasekukhulisweni kweenkomo nakushishino lokwenziwa kwekeyiki yeoyile.
- Ikeyiki yeoyile:** Emva kokukhupa ioyle kwizithombo zombona owomisiveyo, intsalela iba yikeyiki yeoyile yombona. Njengoko inesixa esikhulu samafutha neprotheyini, isetyenziswa njengesithako esiphambili kushishino lvesondlo seenkomo.

Ushishino lokutya

- Isiraphu ephezulu yemalthowusi yombona:** Sisongezo sokutya esisetyenziswa njengemveliso eyenza ubuswiti neyokugcina ukutya kungaboli. Isetyenzisela ukwenza iiayisikhrimu, ikeyiki nezonka kunye neemveliso zokubhaka.
- loyile yombona:** Icatshulwa kwisithombo sombona. Isetyenziswa kushishino lokutya njengemveliso yokupheka.
- Iglukhowusi elulwelo:** Isiraphu yombona okanye isiraphu yeglu-khowusi yinto enye leyo kwaye zikhola ukwenziwa ngokugqatsa




Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqosho kuLimo, eGrain SA. Thumela i-imyili apha Ikageng@grainsa.co.za

isitatshi ebushushwini obuphezulu aphi kukho khona iasidi. Isetyenzisela ukwenza iimveliso zokutya ezifana nejem, iijeli, iitshungama, neziqhamo ezinkonkxiweyo.

• Isitatshi sombona sohlobo olulodwa: Sisitatshi esikhutshwe emboneni. Esi sitatshi sikhutshwa kwiendospemu yokhoso. Sikholisa ukusetyenzisela ukujiyisa iisosi okanye iisuphu, nokwenza isiraphu yombona nezinye iiswekile.

• I-dextrose monohydrate: Yiswekile engumgubo omhlophe qhwa efuyanwa ngokuqhekeza isitatshi sombona ngokupheleleyo. Isetyenziswa njengemveliso yokwenza ubuswiti, intlenge yokuvundisa, imveliso yokumaniza okanye ikeyiki nezonka, izinto zokubhaka, amashwamshwam, iziselo neemveliso zobisi.


1 Ukwensiwa komgubo ngombona omhlophe notyheli.



Umthombo weenkukacha: yiSAGIS

*2019/2020: NgoMeyi ukuya kuNovemba 2019

2 Ukuveliswa kwezinye iimveliso emboneni omhlophe notyheli.



Umthombo weenkukacha: yiSAGIS

*2019/2020: NgoMeyi ukuya kuNovemba 2019

UCWANGCISELO LWEMPAHLA YOMNTU

– zinike ixesha lokulawula imicimbi yakho

BANINZI KAKHULU ABANTU ABENZA IMPAZAMO YOKUCINGA UKUBA UCWANGCISELO LWEMPAHLA NEMALI YOMNTU YINTO EFANELE UKWENZIWA NGABANTU ABAZIZITYEBI KUPHELA – ASIYONYANISO LEYO! UCWANGCISELO LWEMPAHLA NEMALI YOMNTU LOLOMNTU WONKE OOKELELE NAYIPHI IMPAHLA NOQHUBA NALIPHI ISHISHINI ALISUNGULEYO.

Ucwangciselokwempahla nemali lubalulekile kuba lumalunga nokukhusela abathandwa bakho. Xa impahla nemali yomntu ingacwangciselwanga ngokuqaphela, imicimbi yomntu oswelekileyo ibhidisa ngendlela engenakuthinteleka futhi ibe nefuthe elinganiki themba kubathandwa bakhe asebefanele ukunyuka iminqantsa yobucukubhede bolawulo bexelelwa abangakuqondi kakuhle naxa beselusizini lokulahlekelwa ngulowo bamthandayo.

IZIZATHU EZINE EZISENTLOKO ZOKWENZA UCWANGCISELO LWEMPAHLA NEMALI

Kusoloko kububulumko ukwenza izicwangciso zaxa kukho into eyenzeka kubaboneleli/mboneleli wosapho.

1 Kunivumela ukuba nikhethe ukuba ngubani owenza ntoni
Injongo ephambili yocwangciselokwempahla nemali yomntu kkwenza isiggibo sokuba **ngubani oza kuxhamla** kwimpahla nemali oyishiya ngasemva. Ukuba akuzixeli ngamagama azo iindlalifa isiggibo siya kwenziwa ziinkundla kanti le nkubo ingathatha iminyaka ngokunjalo ibe neendleko eziphezulu. linkundla azinalwazi lokuba zeziphi iindlalifa zakho eziya kukwazi mhlawumbi ukuthwala uxanduva zilawule imicimbi yakho ngokuqaphela okanye zeziphi eziya kuchitha imali oyishyele iindlalifa zakho ngaphandle kwenkathalo.

2 Kunika umntu ithuba lokuxela omele umzali wabantwana bakhe xa kunokufika ukufa kwangoko okanye obekungalindelwanga
Ukuba ungumzali wabantwana abancinane, kubaluleke ngakumbi ukulungiselela okungenakucingeka. Akukho namnye kuthi ongathanda ukusweleka esemcinane kodwa njengomzali umntu ufanele ukucqinisekisa ukuba abantwana bakhe bayo kuhathalelwu futhi bakhuliswe ngokufundiswa iintslungeko ezifanelekileyo. Bubulumko ukuxela **umntu onokumela wena njengomzali wabantwana bakho** xa kunokwenzeka ukuba bangabi namzali abasala naye phambi kokufika kubudala be-18. Ukuba oku akwenziwanga, iinkundla ziya kucelwa ukuba zingenelele zenze isiggibo sokuba ngubani ofanele ukukhulisa abantwana bakho.

3 Kunciphisa iirhafu kwinto oyishiya emva
Ucwangciselokwempahla nemali yomntu luthetha ukufumana ezona ndlela zifanelekileyo zokudlulisela impahla yexabiso kwiindlalifa zakho logama udala eyona rhafu incinane inokuba ngumthwalo kubo. EMzantsi Afrika njengakwamanye amazwe amaninzi, ukufa kuneerhafu zizinto ezhamba kune. Impahla nemali yongasekhoyo ifanele ukuhlawula iirhafu zelifa ezifana neentlawulo zogqithiselo lwempahla nemali kuneerhafu yeenzuso zemali yeshishini.

- Intlawulo yogqithiselo lwempahla nemali ziirhafu zogqithiselo lobutyebi** (impahla yexabiso) ukususela kwimpahla nemali yongasekhoyo ukuya kwiindlalifa. Intlawulo yogqithiselo ifunwa iphinde iqokelelwu kwindawo yempahla yakhe wonke umntu oswelekayo. Kuxhomekeke emntwini ngamnye ukufumanisa ukuba oko kuthetha ntoni malunga nempahla kune nemali yakhe. Intlawulo ehloliwego ifanele ukuhlawulwa ungekapeli unyaka womhla wokusweleka.
- Irhafu yeenzuso zemali yeshishini** yirhafu yayo nayiphi inzuso kwimali yeshishini kwintengiso okanye kugqithiselo lwempahla yexabiso ukususela kumnini othile (kule meko ngoswelekileyo) ukuya kumnini omtsha.

Kungenzeka oku xa kucwangciselwe ngokuqaphela nangokwecebiso elilungileyo ukuze kuncitshiswe irhafu yengeniso ezinokuyihlawula iindlalifa. Ngaphandle kwesicwangciso, iindlalifa zakho ziya kuhalawula ipesenti enkulu kwilifa lazo kwiNkonzo yeNgeniso yaseMzantsi Afrika.

Jenny Mathews, umbhali kwiPula
Invula. Thumela i-imeyili apha
jennymathews@grainsa.co.za



YINTONI IMPAHLA NEMALI YOMNTU?

Sonke sinayo impahla nemali nokuba bunjani ubume bemali yethu. Impahla nemali yakho ibhekiselele kuyo yonke into yakho efana noku:

- Impahla (njengomzi, umhlaba wokulima, ishishini).
- Impahla yexabiso eyimali (iakhawunti zebhanki, izabelo kutyalo-mali).
- Lipolisi zeinshorensi yobomi.
- Impahla yobuqu bomntu (izithuthi, izihombiso zamatiye anqabileyo, ifanitshala nezinye izinto).

4 Kuthoba umngcipheko wosukuzwano losapho namadabi amabi asemthethweni

Thintela amadabi engekaqalisi. Ndinqinisekile ukuba uninzi lwethu luwavile amabali alusizi namabi malunga nengqumbo kune nokulwa okuvele phakathi kwamalungu osapho ebethandana ngaphambili xa bexatyaniswa yimpahla nemali eshiyiweyo. Kubakho lo wasekhaya ocina ukuba ufanele ukufumana ngaphezu komnye, okanye omnye azame ukulawula imali baze abanye bazive bengathenjwa. Yimeko engamasikizi phofu enokuthinteleka xa kukho ucwangciselokwempahla nemali eshiyiwe ngasemva. Ucwangciselokwempahla umntu akhethe ofanele ukulawula imicimbi yakho, olawula imali noqhuba ishishini lakho xa unokusilela ngokwasengqondweni okanye emva kokuba uswelekile. Lephinda lukuxhobise ngokuba ukwazi ukwenza amalungiselelo angqalileyo, umzekelo:

- Ukubonelela umntwana oselula ongekakwazi ukuziphilisa ngokwakhe;
- Ukunika ubonelelo olunganeno kwindalifa enimfundo oyinike inkxaso-mali ngelixa ubuhlawula imali enganeno kweyabanye abantwana; okanye nkqu
- Ukunika okuthe kraty kumntwana osebenze kakhulu ekuxhaseni naseukhathaleleni wena kune nosapho.

Ixesha olitchitha usenza ucwangciselokwempahla likunika ithuba lokwenza isiggibo sokuba ngubani na oya kuzuza ngeyona ndlela ifanelekileyo nelunge kangangoko kunokwenzeka. Xa abantu bengakulungiselelanga okubhalwe ephepheni, kusuka kube lipupha elibi kuwo wonke umntu oshiyeye emva. Kweyona meko imbi kukuba abathandwa basenokungazifumi iinzuso zeinshorensi yobomi, iirhafu ezitsalwayo okanye ukungakuhoyi ukuhlawula amatayala kuba bebengazi ngawo. Lungisa okufanele ukubhalwa ephepheni ukuze abo bathandwa nguwe babe nakho ukufumana amaxwebhu akho abalulekileyo.

AMANYATHELO AFANELE UKWENZIWA OCWANGCISELO OLUPHUCUKILEYO LWEMPAHLA NEMALI YOMNTU

- Bhala iwili – olu luxwebhu lwasemthethweni aphi ubhala khona umququzeleli oza kphumeza iminqveno yakho, iindlalifa zempahla nemali yakho futhi uxele amagama abantu abaza kumela wena mzali xa usenabantwana abancinane.
- Yihlalutyte futhi uyibhale phantsi emaxwebhini imeko yakho yemali.
- Dwelisa impahla yakho nayo yonke impahla yexabiso oko kukuthi, umhlaba nezithuthi.
- Yenza uludwe lwayo yonke ifanitshala yakho nezinto zoluqu bakho.
- Dwelisa ingxelo yazo zonke iakhawunti zebhanki ezisegameni lakho.
- Dwelisa zonke iipolisi ezisegameni lakho.
- Yenza uludwe lweendalifa ozikhethileyo.
- Xela umququzeleli wempahla nemali yakho oya kulawula iwili yakho – cingisia ngoyena mntu umthembayo ukuba angalawula impahla nemali yakho ngendlela encomekayo.
- Fumana icebiso kwiingcaphephe ukuze unciphise iindleko neerhafu ezihlawulekayo.

AMANYATHELO OKWENZA ULAWULO LWEMICIMBI YAKHO LUBE LULA

- Yiba nefayili oyigcinela amaxwebhu abalulekileyo ukuze afumaneke lula.
- Zalisa ifomu yamagunya amagqwetha – yona asiyonto inokusetyenziswa ziindlalifa, kodwa nokuba kunjalo iluxwebhu olubalulekileyo kwa-bo ubathandayo ukuba babe nalo ukulungiselela xa unokungabi nako ukusebenza ngenxa yokugula okanye ingozi.
- Londoloza ikopi yewili yakho.
- Londoloza iikoppi zamaxwebhu omazisi bakho nepasipothi.
- Gcina iingxelo zazo zonke iakhawunti zokubhanka kuquka neenombolo kune neepasiwed.



- Yenza uludwe lwazo zonke iipolisi kubekho namagama annenkukacha kune neenombolo zeeakhawunti.
- Gcina ingxelo yokuqhube kweeakhawunti – ngakumbi ezinamatyala angekahlawulwa.
- Gcina iirekhodi zelaysensi nganye yesithuthi kune neenkukacha zamalungiselelo eentlawulo neeenombolo zeelaysensi, njalo njalo.
- Gcina ifayili yeengxelo zempahla yakho yendlu ezifana neetayitile zobunini, iimvumelwano zengqeshiso, njalo njalo.
- Ukuba usebenzia iinkkonzo zengcali kubalo-mali, bhala iinkcukacha efayilini.

ISIPHELO

Khumbula ukuba iwili yakho yokuggibela nomnqophiso ngokunjalo asizonto ezinokwenziva kube kanye kphela zibekelwe ecaleni. **Luxwebhu oluphilayo kwaye idinga ukuphengululwa nokubyelelw nanini xa kukho inguquko kwiimeko zobomi bakho.** Oku kuthetha ukuba iinguquko ezifana nokutshata, uqhawulo-mtshato okanye ukuba ngumhloko/kazi, ukuba nosana olutsha, izinto ezintsha ezithengwayo okanye ukuthengiswa kwayo nayiphi impahla yexabiso okanye ukufumaneka kweshishini elitsha okanye umhlaba wokufarma. Kuxhomekeke kuwe ntloko yekhaya nomboneleli wosapho Iwakho ukukhathalela usapho Iwakho usaphila, udinga ukwenza ucwangciselokugqithiselwa okukokona kuncomekayo kobutyebi bakho kwisizukulwana ngeyona ndlela ifanelekileyo nenoxolo kangangoko kunokwenzeka.

05 Umbona – esinjalo ukuguqu-guquleka...


Ushishino lokwenza iimpahla nolwamaphepha

- I-sayatex:** Sisitatshi esivela emboneni esineoksijini. Ulwelo olucekethkileyo oluphuma kwi-sayatex lunamathela nca, aluqhawuleki kwaye lucacile ngebal. Isetyenziselwa ukusika iphepha ne-yam ngokobukhulu obufunekayo.
- Isitatshi somthonyama sombona:** Sisitatshi sesiriyeli, esinesiquilatho esinothuthu olungephi ngokunjalo nesiquilatho seprotheyini. Sisetyenziswa emsebenzini wokugqibezela ukwenziva kweempahla ukuze kukhutshwe ubuqothololo, ukuvakala kwamalaphu esandleni, ukuguqula imbonakalo ngokuhlohlha imveliso yokuphatha nokongeza ubunzima esikalini. Sikwasetyenziswa kushishino lwamaphepha.
- I-fabrilose:** Sisitatshi esiguulwego, esicekethkileyo, esibilayo esisetyenziswa ekwenzeni ubukhulu-n gobukhulu ekwenzeni iimpahla.
- Li-dextrin:** Zikholisa ukwenziva ngokuqhotsa isitatshi aphi kukho khona iasidi esuka iguquele iimpawu zesitatshi. Zisetyenziswa kwiindawo ekuyitylikiselwa kuzo izinto ezinjengesinyithi, kwimiqabo yeendonga naxa kusenziwa iimpahla.
- I-sayafied:** Isitatshi esingumxube esinendima ebalulekileyo ekwenzeni iibhodi zodonga ze-gypsum (uhlobo oluthile lwasamente), ukuze kukhuseleke amahlalutyana e-gypsum angumdibaniso phakathi kwe-ngxam ye-gypsum nephepha. Sisetyenziswa kushishino lokusika ubukhulu bephepha nobeempahla.

Ushishino lokuxutywa kwamayeza

- I-dextrose anhydrous:** Isetyenziselwa ukufaka izitofu phakathi kwimithambo yegazi engoonobuya futhi ikuhuela ukusilela kwamanzi emzimbeni.
- Isitatshi ip/bp:** Senziwa ngesizathu esisodwa soshishino lokuxutywa kwamayeza. Ubukhulu becalalisa isitatshi sisetyenziselwa ukuxu-

3 Umgubo othengiswa ngaphandle ovela emboneni omhlophe notyheli.



Umthombo weenkukakach: yiSAGIS

*2019/2020: NgoMeyi - kuNovemba 2019

ba amayeza njengesidibani nesihlohlwa seepilisi kune neepilisi ezisezingxobeni.

- Utwala bokumanziswa kombona:** Okanye iCSL yimveliso eyenziwa ngokumanzia umbona osilwayo. Buqulethe iprotheyini eninzi enyibili-kayo yombona, izitatshi kune neetyuwa. Inomsebenzi obalulekileyo ekwenziwi kwe-penicillin nezinye izibulali-ntsholongwane.

Intloblo-ntloblo zoshishino

- I-Sorbitol:** Bubutywala beswekile, obenziwa ngumzimba womntu unga-ngxamanga. Isetyenziselwa ukwenza iisiraphu zokukhohlela, iintlama zamazinyo kune nezinye iimveliso zococeko lomlomo, iizqholo, iipeyinti, iisigareti kune nezinye iimveliso zokutya nokubhaka.

I-canola

Imibandela yokuqwalaselwa ngoEpreli

NYAKA KA-2020 SOWUHAMBILE KWAYE IKOLO-NI ESEZANTSİ SEYISIKELELWE NGEEMVULA EZINTLE KWINDAWO EBANZİ. OKU KUTHETHA UKUBA UKHULA LUZA KUNTSHULA NABAMKELİ BEZİDALWA EZONAKALISA IZITYALO NEZİFO.

Umonakalo owenziwa ngumbungu osikayo uxelwe ngokubanzi kwixeshä lokulima elidlulileyo, ubangele umonakalo kwiziza ezintsha zecanola. Tshabalalisa ukhula olunokuba yindawo yokubalekela yovivingane lombungu osikayo ukuze kungabekelwa amaqanda neentwala eziqalisa ukwakha izithanga zazo. Olu khula luhinda lusebenzise ukufuma okuphantsi komhlaba esifanele ukukugcinela isityalo sonyaka ozayo. Olu khula lunokutshatalaliswa mhlawumbi ngokuhlakula okusidibi okanye ngeekhemikhali.

UKUSETYENZISWA KWEKHEMIKHALI

İmveliso ezikhethiweyo, iglyphosate okanye iparaquat, mazisetyenziswengentelekelelo njengoko ukubaxa iikhemikhali naxa umgaqo wokusetyenziswa kwayo ufana, kunokukhokelela kupuhuhsilo lokuba utshaba lumelane nekhemikhali yokhula. I-glyphosate, ngakumbi, ithande ukusetyenziswa ngaphezu kwakanye ngexesha elithile lokulima kwintsimi enye kanti zininzi iingxelo ezinikwe ngokumelana kwengca yerayi okufikelela kumaqondo aphezulu njengokwe-glyphosate okuxelwe kakhulu eNtshona Koloni. Xa kukho ukumelana kwengca yerayi kufuneka utshintshise nge-parquat, yona enomgaqo wokusetyenziswa owahlukileyo. Kungacinguwa nangenqubo ekuthiya 'lutshabalaliso oluphinda-phindwe kabini' nephuhliswe eAustralia, apho kulandelwa khona isitshizi esifikawa nge-parquat kwiintsuku ezili-10 ukuya kwezili-14 emva koko. Ngale nddlela ukuba ukhula alutshabalali ngemveliso enye, luya kutshatalaliswa ngenye.

*Libhalwe nguChris Cumming, iNgcali
yeProtein Research Foundation. Thumela
i-imeyili apha cummingza1946@gmail.com*



IMPUMELELO

Ndiyathembä ukuba nawuphi umlimi onenjongo yokulima icanola kulo nyaka uthenge imbewu yodidi oluphezulu yemihlanganisela eziqhelanise kakuhle nengingqi yakhe. Impumelelo ngokulinywa kwe-canola inesiseko sempumezo kwisiza esilungeleleneyo nesifana kuzo zonke iindawo. Ukulungelelana kuthetha ukuba izithuba phakathi kwezityalo ziyaligana kumphezulu womhlaba kwaye akukho mabala angenant. Oku kuya kuba negalelo ekucinezelweni kokuhula oluntshula mva, nto leyo ukukhula kwecanola kukwaziyo ukukuphumeza phucukileyo ngaphezu kwazo zonke ezinie izityalo. Ukufana kwezityalo kuzo zonke iindawo kuthetha ukuba zonke izityalo zecanola ziyaligana ngobukhulu kanti oko kulungele ukwenziwa kwezigqibo ezinini zolawulo, oko kukuthi, ixesa lokufaka umaleko wangaphezulu, ukutshizwa kweentsholongwane zomngundo okanye ukunikwa kwethuba lokungenzi nto kungaba ngakanani ukuze kuge lula noko. Yiloo nto ndikhetha ithuba eliphambi kokulima kuba inkqubo yokulima ibaluleke kakhulu ekulinwyeni kwecanola.

IMIBANDELA EFANELE UKUQWALASELWA

Mininzi imibandela efanele ukuqwalaselwa xa kusenziwa isiggibo nge-mihlanganisela yecanola eza kulinywa. Ngokuqinisekileyo, imbewu

yomhlanganisela owukhethileyo mayifumaneka lula. Eminye imihlanganisela eqhuba kakuhle kwiimvavanyo zemihlanganisela eziqhutwy liSebe loLimo, eNtshona Koloni kodwa yasuka yafumaneka kunyaka wesibini okanye kowesithathu kuphela. Xa kusenziwa isiggibo ngomhlanganisela, jonga inkqubo yawo kumathuba angaphezu kwakanye, Ukuba umhlanganisela uqhube kakuhle kwiqingqi ezahluka-hlukileyo, oko kwalatha isakhono sokuziqhelanisa.

Imihlanganisela

I-PNS icebisa ukuba, kangangoko kunokwenzeka, kufanele ukuthintelwa ukugcineka kwembewu efama. Imihlanganisela exubileyo ibonise ukuba phantsi kweermeko ezifanelekileyo, izivuno ezingaphezu kweetoni ezi-3 ngehektare zingafumaneka lula. Amandla embewu yomhlanganisela ongumxube, nangona kunjalo, awagcineki kunyaka wesibini kuze oko kukhokelele kwisohlwayo malunga nesivuno, umngcipheko ophezulu wezifo zomngundo nokukhula okungalungelelananga nokuvuthwa kube njalo. Kubhetele ucinge ngokulima ngesixa esinganeno sembewu ngehektare (iikhilogram ezi-2 ngehektare ukuya kwiikhilogram ezi-2,5 ngehektare) phambi kokuba ulondoloze imali ngembewu ebicinwe efama. Isiza sezityalo ezingama-30 ukuya kuma-40 ngemitha esisikwere silingene ukuba sikunike izivuno ezingumyinge.

Xa kwenzekile ukuba zifike kwangoko iimvula zexesha lokulima zama ukulima kwangethuba kangangoko unako (qalisa ngoEpreli) eRûens, imihlanganisela yexesha lokulima elide inokugqalwa, njengoko imihlanganisela yexesha lokulima elifutshane inokusuka idubule iintatyambo phambi kwexesha kakhulu. ESwartland nakviindawo ezithande ukufudumala eKoloni eseZantsi, imihlanganisela yexesha lokulima elifutshane ikholisa ukuqhuba phucukileyo gabalala. Eminye imihlanganisela yexesha lokulima elifutshane ikhona ngoku futhi ikhuphisana naloo mihlanganisela yexesha lokulima elide.

Amaqela emihlanganisela yesiqhelo anamandla okunyamezela neye-Clearfield (iiCL) anesakhono sesivuno esiphezulu kuneminye imihlanganisela futhi ubukhulu bayo ekukhulen iegalelo elikhulu ekucinezeleni ukhula. Imihlanganisela enyamezela i-triasine ekuthiwa (yiTT) inobukhulu obuponisa ukuphila obunganeno, nto leyo ethetha ukuthi kufuneka isibalo esithe kratya kwisisa. Nangona iiTT zithande ukukhupha izivuno ezinganeno kunemihlanganisela yesiqhelo okanye yeCL, iyathandwa apho kukho khona ukhula olumelana ne-sulfonylurea (SU).

Kwiqingqi ezinomngcipheko ophezulu wesifo somlenze omnya, khetha imihlanganisela ekwiqondo elithe kratya lokumelana nomlenze omnyama, njengoko iziphumo zeemvavanyo zinikelwa liSebe. Ukuseyenziswa kwembewu ebicinwe efama, nengakwazi kuwunyamezela kakuhle umlenze omnyama, kunokuhokelela kwi-ilahleko zezivuno ezinokufikelela kwi 50%. Ngoku akukho mihlanganisela emelana neSclerotinia. Ukubek' iliso nezitshizi zothintelo mazisetyenziswe xa iimeko zinokuba zezifanelekileyo nje phambi kokudubula kweentyatyambo (iimeko ezipholileyo, ezimanzi).

Imozulu

Ngexesa lokulima ngo-2019, icanola ebilinyiwe kwangoko iqhuba kakuhle ngokubanzi ngaphezu kwelinywe selihambile ixesha. Akukho siqiniseko sokuba ixesha lokulima ngo-2020 liya kulandela kwayona loo pateni yemozulu njengakunyaka ophelileyo, kodwa ngenxa yokufudumala okusehlathini kunye neenguquko ezingenzi mpazamo kwindlela ena ngayo imvula, bubulumko ukumisela isiza kuselithuba. Icanola esekwibanga lokukhula ngokuphinda-phindeka inako ukumelana neemvula kunye nobushushu

obubaxekileyo kwaye njengoko sekubonakele kumaxa ngamaxa, iyakwazi ukubuyela kwimeko yayo xa iimeko ziphinda ziphucuka ukuze ikhuphe isivuno nokuba sikwiqondo lomyinge. Omnye wemiba elungileyo ngecanola kukuba inabisa inkangeleko yemingcipheko yabalimi kuba iisiriyeli zithande ukusalatha isakhono sesivuno kwasekuqalen (kwangoko kangangebang lamaggabi ama-5), kanti icanola yona, ngenxa yepateni yayo engalathi nto, iyakwazi ukuthatha indawo xa iimvula zifika ethubeni.

Ukugquma komhlaba

Nangona ulimo ngolondolozo selusekiwe eNtshona Koloni, omnye wemiba ephambil yenkubo kukugcina ukugqumeka kwestiyalo kakhulu kumphezelu womhlaba, nokungakukhuthazi ukumila kwibanga elisekuqalen iokwakheka kwezithole. Icanola enembewu encinane ayinako olulondolozewo kwembewu efunekeyo ukuze ikhule lula phakathi kwasigcina-kufuma esishinyeneyo sezikhondo kumphezelu womhlaba, kaninzi isiphumo zizithole ezide, ezibhijelayo eziba zizisulu zezinambuzane ezonakalisa izityalo nezifo zezithole. Impendulo ingaba kukugcina ukugquma komhlaba okufanelekileyo lide libe kufutshane kangangoko kunokwenzeka ixesha lokulima icanola ukuze kuncitshiswe umthwalo ngokutysa impahla, ukubopha iibheyile okanye ukurhuqa ierhe okanye amathayara phezu kwentsimi ukuze kunatysiswe okanye kuncitshiswe umthwalo wezikhondo. Injongo kukunabisa izikhondwana entsimini ngaphandle kokwenza iziq huma zazo ezinokuba yingxaki kwinkqubo yokulima ngokunjalo zidodobalise ukuntshula kwecanola. Imithwalo enzima yezikhondwana inciphisa ubushushu bomhlaba ukuze oko kubangele ukucothisisa kokuntshula nokuba sesichengeni sezinambuzane kunye nezifo kwithuba elide.

Izidalwa ezonakalisayo

Amathambeka anamatye napholileyo ajonge kwicala elingasezantsi aba zizisulu ngakumbi zokuhlaselwa ziinkumba neenkumba ezincinane. Ngokuhola amasimi ngokukhangela phantsi kwezicukwana zezikhondo, kufaneleke kakhulu ukukwenza oko ekuseni, zibonakala phucukileyo izidala ezonakalisayo ezilapho. Omnye umgaqo kukubeka icwecwe leplasitiki (isingxobo esingenanto sesichumiso) okanye isingxobo esifumileyo sehessia emhlabeni kwiintsuku ezimbalwa ukuze ubek' iliso kubukho beenkumba neenkumba ezincinane. Oku kuya kukhokelela ekwenzeni isiggibo lula malunga nokusetyenziswa kwezithiyiselo.

ISIPHELO

Sebenzisa eli thuba liphambi kokutyala ukuqinisekisa ukuba isixhobo sokutyala sikhimeko eyiyona incomekayo. Ubunzulu bokutyalu bupalulekile ukuqinisekisa isiza esilungleleyo, nesilungleleneyo. Ekuggibeleni ukuhluma okufanayo kuqinisekisa ukuvuthwa ngendlela efanayo neelahleko ezingephi zembewu ngexesha lokuvuna. Iziphumo ezigqibeleyo zifumaneka ngobunzulu obufanayo xa kulinywa emhlabeni ofumileyo. Ubunzulu bokutyalu be-1 cm ukuya kwi-2 cm bobona bufaneleke jikelele. Imbewu yecanola incinane, yenza kubaluleke ukuqinisekisa ukudibana okulungileyo phakathi kwembewu nomhlaba. Kusetyenziswa ivili lokucinezela ukundisida ngokudibana kakuhle. Isichumiso sokuqala masingadibani nembe-wu kumqolo olinyiweyo. Isichumiso sisenokufakwa ezantsi kwembewu okanye kude nembewu ecaleni. Sikunqwenelela amathamsanqa kulo nyaka ophambi kwakho kwaye akwaba besinokusikelelw ngexesha lokulima 'elifeanelekileyo' kunye neemvula ezinanzi. ■

Ukuvunwa nokuphathwa

KOOJ NGILANGA



XESHA LOKULIMA OOJONGILANGA NGO-2019 LIVUNE ITONI EZINGAMA-680 000 ZEMBEWU ENIKELWEYO YEEHEK-TARE EZINGAMA-515 350 EZINNIKA ISIZWE SETHU UMYINGE WEETONI EZI-1,32 NGEHEKTARE. IXABISO LANGOKU MALUNGA NEKAMVA YI-R5 800 NGETONI. OKU KUTHETHA IXABISO LIPHELELE NGEHEKTARE LE-R7 656 KWINGANABA LESIZWE LOKULIMA. MASITHEMBE UKUBA IZIVUNO ZAKHO KWELI XESHA ZINGAPHEZU KOMYINGE WESIZWE UKUZE UFIKELELE KUMDA OPHEZULU WENGENISO OKANYE WENNUZO NGESTYALO SAKHO.

Enye yeendlela zokuphucula isivuno sakho kanye nengeniso kukuvuna oojongilanga bakho ngexesa elilungileyo kwaye ubaphathe ngeyona ndlela ifanelekileyo inokwenzeka kungabikho monakalo obangelwa kukufuma nokwetha komgangatho wembewu okwenzekayo phambi nasemva kokuvuna nokubhula.

UKUVUNA NGELONA XESHA LILUNGILEYO

Imihlanganisela yamaxhesha okulima amafutshane, kunya oqhelekileyo, iya kuba neentloko eziza kuba tyheli malunga neentsuku ezili-105 emva kokulinywa zize zibe ntsundu kwiintsku ezili-120 emva kokulinywa. Ngethuba lezi veki zimbini, unako ukuhlalutyu isivuno onokusifumana ekuggibeleni ngehektare enye uze wenze amalungiselelo kuselithuba nekhontraktha yakho yokuvuna ibhula okanye uqiniseke ukuba izixhobo ezezakhozikulungele ngokupheleleyo ukumelana nesiyalo kwiqondo lesiqualatho sokufuma esise-sona silungileyo.

Efama izibonelelo zolondolozo nezokomisa zingenziwa zilunglele ukusetenziswa. Abaninzi kubalimi abancinane haya kudinga umatshini ovuna ubhula baze kwangoko bathumele isityalo kwimbumba esebezena kanye okanye kwizisele zabucala. Le mhlawumbi yeyona ndlela ifanele abalimi abancinane ukuze kuncitshiswe okanye kuthintelwe umngcipheko onxulunyaniswa nalowo wokuzomisela isityalo sakho okanye owokuzilondolozela okwethutiana emgangathweni weshedi.

Ukuvuna oojongilanga abanesiqualatho esiphezulu sokufuma kuqhele ukukhokelelo kwizivuno eziphezulu, kumonakalo onganeno weentaka nasekuweni okunciphileyo kweentloko okanye ukutumka kwembewu.

Abalimi mabatyale imali ekuthengeni imitha yokufuma ukuze bafumane iinkcukacha ezichanekileyo entsimini. Oojongilanga banokuvunwa babhulwe kwi 20% baze borniswe kwi 10% kodwa eli lelona qondo liphe-zulu lokuqlala. Ezinye izisele ziya kubamkela kuphela xa ukufuma kwabo ukususela emasimini kuphakathi kwe 12,5% ne 13,5%. Amaqondo okufuma kwembewu abe kwi 12,5% okanye anganeno koko akwelona qondo lifanelekileyo lokuqlala ukuvuna.

Qiniseka ukuba uyayazi ipesenti yesiqulatho eyiyona iphezulu yokufuma eyamkeleke xa uthuthela isityalo ukususela entsimini ukuya ngqo kwizisele zeembumba ezisebenza kanye ukuze kungabikho mthwalo uxabiseke kakhu-lu uya kujikiswa. Khumbula ukuba oo-jongilanga bafanele ukuba kwi 9,5% xa begcinwa ukuya kwiiyanga ezintandathu kwaye kufuneka besoloko benikwa umoya okanye bakhutshwe kwisisele esithile basiwe kwesinye ukuthintela nayiphi intsholongwane yomngundo eyakhela. Oojongilanga abangaphezu kwe 12,5% banako ukuba nentsholongwane yomngundo eyakhela kwi- yure ezingama-48 zokufunjwa kanti kungasuka kuvuthe ngokuzenzekela.

IMILINGANISELO KAMATSHINI WOKUVUNA NOKUBHULA

Qiniseka ukuba umqhubi wakho kamatshini wokuvuna kanye nomatshini uyakwazi ukuthoba isantya somqqomo, ukuya phakathi kwama-300

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi



nama-500 zeerevu ngomzuzu (rpm), ukuze kuthintelele nakuphi ukutumka kwembewu. Isivutheli naso masimiselwe ukuba, kangangoko sinako sivuthele izinti, amaqhekeza amaggabi, amaqhekeza eentyatyambo iinkozo zembewu ezingenalutho kanye noboya obuphuma kwisampulu kamatshini wokuvuna nokubhula ngaphandle kokukhuphela ngaphandle imbewu encinane. Ngulo mxube wezinto ezingafunekiyo kwisampulu evuniweyo yembewu ekhokelela ekugcinakaleni kokufuma nasekutsheni okuzenzekelayo naxa ithuba lokuyigcina belilifutshane 'nje ngaphezulu kancinane kwimpelaveki' emgangathweni weshedi.

UKUCOCA ISAMPULU

Ukucoca isampulu yembewu licebo elifhlakeleyo elinokwenziwa nakwiyphi indawo yokuyigcina ithutiana xa isisele sendawo yakho singakwazi ukuwuthatha kwangoko umthwalo.

Ukuba unazo izibonelelo ezezakho zokuphatha isityalo sakho kuquka izomisi kanye nezisele ezingena umoya, kubalulekile ukuyicoca ngocose-lelo isampulu yembewu phambi kokuyomisa okanye kokuyigcina. Zikhona izixhobo ezinokuthengwa zisetyenziswe ngabalimi abancinane bakajongilanga zokucoca imbewu ezeisbenza kakuhle kakhulu nezifikelelayo ngo-kwasemalini. Mazisetyenziswe kwangoko emva kokuba imbewu ephuma entsimini igalelwemngxunyeni oyamkelayo phambi kokuba yomiswe okanye igcinwe. Oomatshini bokucoca abaphathekayo, nabaqhotyoshe-lwe kwisixhobo sokubhula emgangathweni, nabo bangasetyenziselwa ukuguqu-guqula nokucoca imfumba yembewu ebithululwe okwethutiana emgangathweni wekhonkrithi.

UKOMISA IMBEWU ECOCIWEYO

Imbewu kajongilanga eneoyle eninzi ineoyle emalunga ne 35% ukuya kwi 42% yeoyle kanye neprotheyini ephakathi kwe 18% ne 20%. Ioyile ziqulehte i-linoleic ephakathi kwe 55% ne 75% kanye nee-oleic asidi ezipifikathi kwe 15% ukuya kwi 25% ezingavutha kakhulu. Kwabo balimi banoomatshini bokomisa kubalulekile ukuqwalasela isantya somquku-qelo nemimiselo yamaqondo obushushu ngokuqaphela okukhulu kanaxa kusomiswa imbewu yombona okanye yengqolowa.

Kanti nakubushushu be 2°C ngaphezu kokufanelekileyo, uya kuqala uve ivumba leoyile emoyeni kwindawo engqonge umatshini wokomisa. Sisilumkiso sokuqala eso esibonisa ukuba ubushushu bakho bugqithisile, okanye isantya somqukuqelo siyacotha kwinkqubo yokuquku-qela okunganqunyanyiswayo. Oomatshini abomisa iimfumba zembewu maziqwalaselwelwe kufutshane malunga nobushushu kanye nesiqulatho sokufuma ukuthintela ukonakala kwemfumba iphelele kuba oko kungaba yimpazamo eneendleko eziphezulu kakhulu. Ukuqwalasela okunganqunyanyiswayo kwenkqubo yokomisa nokubek' iliso kwimeko yembewu kumathuba amafutshane makube lilizwi elingenakulityalwa.

Umuntu akafuni kukhupha nayiphi ioyile exabisekileyo okanye ukufuma ngaphezu kwe 9,5% njengoko oko kuya kuthoba ubunzima basekugqibileni bembewu xa ihlolwa kwiindawo zezisele.

ISIPHELO

Emva kokulima isityalo esihle soojongilanga yenza ucwangciselogo cose-lelo lokuvuna kwibanga leentloko zembewu elileloni lifanelekileyo ngokujalo wazi amanyathelo abalulekileyo ofanele ukuwuthatha ukuze uphathe okanye ugcine isityalo sakho kakuhle.

Kulindeleke isivuno samandongomane esifanayo okanye esiphezulu

NDAWO ELINYWE AMANDONGOMANE EMZANTSİ AFRIKA IBISOLOKO INGENASIGXINA KWIMINYAKA EDLULILEYO, UBUKHULU BECALA NGENXA YEEMEKO ZEMOZULU EZOMILEYO. OKU KUYICHAPHAZELA KAKHULU IMVELISO EFUMANEKAYO.

Inkoliso yamandongomane ilinywa kwiindawo ezsentshona zeli lizwe, ama 34% abe seFree State, kanti ama 32% aseMntla Ntshona ukuze ama 29% abe seMntla Koloni. Amancinane alinywa eLimpopo (5%). Eli nqaku liqwalasela imveliso yamandongomane kwiminyaka eliqela nokunokulindelwa kwixesha lokulima lango-2019/2020.

IKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo (ICEC) iqikelele indawo ekulinywe kuyo amandongomane ngo-2020 njengeehektare ezingama-37 100, yona engama 85,04% okanye iihektare ezi-17 050 ngaphezu kweehektare ezingama-20 050 ezilinywe kwixesha lokulima elidlulileyo (**Isazobe 1**). Le mveliso isenganeno kancinane kuneenjongo zakuqala zokulima, ezazingama-48 000 eehektare. Imveliso yokugqibela ngexesha lokulima ngo-2018/2019 ifike-

Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqosho kuLimo, eGrain SA. Thumela i-imeyili apha Ikageng@grainsa.co.za




lele kwiitoni ezingama-20 030, kwaye iphantsi kakhulu xa kuthelekiswa nexesha lokulima langaphambili kunye nemveliso efunwa kweli lizwe.

Imveliso yamandongomane efunwa kweli ibisoloko ithande ukufana ethubeni leminyaka ngomyinge weeton ezingama-70 000 ngonyaka. Isivuno kumaxesha okulima amabini adlulileyo yiton e-1 ngehektare kwaye kulindeleke ukuba sifane okanye sibe phezelu kwixesha lokulima elitsa.

Isazobe 2 sibonisa amandongomane aseMzantsi Afrika athengwa nathengiswa emazweni angaphandle. Amandongomane aseMzantsi Afrika afunwa kakhulu kwiindawo zokuthengisa ehlabathini ngenxa yeso-nego nemilo yawo. Umyinge omalunga ne 25% wesi sityalo saseMzantsi Afrika uthengiswa ngaphandle. Nanini xa singalimi ngokwaneleyo kunyaka emva komnye, siyabona ukuba okuthengwa ngaphandle kuyanda, oko kukuthi, ngo-2016/2017 nango-2019/2020.


Isazobe 3 sibonisa amaxabiso ongqinelwano abalimi amandongomane aguqu-guquwlweyo nahlelwwe ngokodidi oluphezulu. Abalimi baseMzantsi Afrika bangafumana inzuzo entle ngamandongomane eli lizwe. Nangona kunjalo, akufani nakwezinye iziyalo kuba akukho ntsebenzo-matshini yokufunyaniswa kwamaxabiso amandongomane eSafex, ngoko ke, oko kuchaphazela ukungafihlisi kwendawo yentengiso. Abalimi abaninzi bamandongomane, bawalima seyikhona indawo eqinisekisiweyo yokuthengisa atiywa enjalo kunye naqhekeziweyo, njengembewu nokwenzela ushishino lwesondlo sezilwanyana. Amaxabiso eekhontrakthi asekwe kwixabiso elisisigxina okanye elilelona liphantsi. ■

1 Indawo elinywe amandongomane eMzantsi Afrika ngexesha lokulima.




Umthombo weenkukacha: SAGIS

2 Impahla yaseMzantsi Afrika ethengwa nethengiswa ngaphandle ngexesha ngalinye lokuthengisa.



Umthombo weenkukacha: yiGrain SA

3 Amaxabiso ongqinelwano abalimi amandongomane aguqu-guquwlweyo nahlelwwe ngokodidi oluphezulu (40/50).



Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040
■ 08600 47246
■ www.grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8252
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS

Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie

■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8283

Jerry Mthombobothi

Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8252 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi

Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

Ubugcisa BOKUTHENGISA umbona wakho

SINGATSHO UKUBA ABALIMI BOMBONA ABANINZI BAPHANTSE BABA NEXESHA LOKULIMA LASEHLOTYENI LANGO-2019/2020 ELIFEZEKILEYO, KANTI BANINZI ABASAJONGENE NOMNGENI WOKUTHENGISA ISITYALO SABO NGAWONA MAXABISO MAHLE ANOKUFUMANEKA. ENYANISWENI, ABALIMI ABANINZI BAFANELE UKUBA SEBENZE OKUNINZI NGENTENGISO EFUNEKAYO KULO LONKE IXESHA LOKUKHULISA IZITYALO NJENGOKO BESIHLALUTYILE ISAKHONO SESITYALO FUTHI BAWALANDELA AMAXABISO OTSHINTSHISELWANO LWAMAXESHA EZAYO.



Jenny Mathews, umbhalu kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jennymathews@grainsa.co.za

- Ngokubanzi, luluvo lobulumko ukulungiselela **inxenyenye elandelayo** xa isityalo sombona sifikelela kwibanga lokuvela kwamanquma, ukuze **inxenyenye yesithathu** ilungiselelwwe kwibanga lentlama eqinileyo okanye ngexesha lokuvuna.
- Le nkqubo yentengiso ikwaquka iindleko zentengiso ezingqalileyo zabalimi njengokusebenzisa iarhente okanye umthengiseli, umlimi uwudlulisele ngobuchule umngcipheko wentengiso nokungazinzi kwamaxabiso kwiqhre. Bona bazikhussela ngeetoni eseizingakwicala labo kwanaphambili kwilahleko enokwenzeka.
- Ukuba urhweba ngeenkozo kwiindawo zentengiso yamaxesha ezayo kuya kusebenza iindleko ezilandelayo (njengangomhlawe-10/02/2019): lindleko zokuqala zomda wokulungiselela itoni e-1 yeenkoko ukwenzela iindleko zamaxabiso exesha elizayo ziye-R328 netegoni. Umlimi ufanele ukulungiselela ubuncinane beeton ezi-100 ngexesha, oko kukuthi ikhontrakthi enye ilingana neetoni ezi-100 zombona. Ngoko ke, ikhontrakthi enye iya kuba neendleko ze-R328 000 kumlimi. Minizzi imiba enobugocigoci malunga nale ndlela yokuthengisa iinkozo, abalimi abarhwebayo bafanele ukuthetha neengcaphephe futhi lube luxanduva lwabo ukuqonda okubangqongileyo, ukuze babe nethuba elihle kakhulu ukufumana awona maxabiso mahle.
- Ngenye indlela, owna mgaqo weendleko eziphantsi wokuthengisa umbona kukusa iinkozo kumthengi ukuze uhlawulwe ixabiso ngokwendawo leyo – eli lixabiso lemali eyikhesi efanelekileyo yelo suku – lisetyenziswa ngelo xesha kwaye lingahluka ngosuku olulandayo. Oku kuya kuzikhuphela ngaphandle iindleko zentengiso kunye neendleko zokugcina impahla leyo. lindleko zomlimi ziya kuba zintlawulo zokuthengisa kwindawo yentengiso.

ISIPHELO

Umlimi ngamnye ufanele ukuzenzela ngokwakhe isigqibo malunga namandla akhe ofikelelo kwiindleko zokuthengisa nomngcipheko wamaxabiso. Ekugqibeleni naku okubalulekileyo **abalimi mabenze ulungiselelo Iwesicwangciscocebo sabo sokuthengisa**. Kubalulekile ukwazi ukuba isityalo sombona siya kuthengiseka phi, nini kwaye njani.